# Ngenisa uchongo ngokujoliswe kuNikezel'omabhaso kwezokuBek'iliso kukhuseleko lezobumelwane basekuhlaleni

Unikezel'omabhaso kwezokuBek'iliso kukhuseleko lezoBumelwane basekuHlaleni, luthi luhloniphe amavolontiya aqinisekisiweyo athe enza ngaphezulu koko bekulindelekile ngokomsebenzi wabo.

**Ngokumalunga namabhaso**

> **Nceda uqaphele:**
>
> Ungangenisa uchongo lwakho olujoliswe kuNikezelo mabhaso angokuBek'iliso kukhuseleko lezobumelwane basekuhlaleni kude ibeyeye23:59 ngoLwesihlanu wama31 kweyeDwarha 2025.

Rhoqo, ngonyaka, iSixeko sithi sihloniphe amavolontiya angokuBek'iliso kukhuseleko lezobumelwane basekuhlaleni apho abathe banikezela ngeenkonzo zokhuseleko ezibalaseleyo kwimimandla abakuyo yokuhlala.

**Amanqanaba amabhaso**

Ungachonga ilungu kwelo qela lokuBek'iliso kukhuseleko lezobumelwane basekuhlelni okanye elo qela lilonke lithile.  Ungachonga kwaloo mntu okanye elo qela lithile lokuBek'iliso kukhuseleko lezobumelwane basekuhlelni ngokujoliswe kwinqanaba ngenqanaba apho athi abangephezulu kwesinye, kodwa kokufuneka ungenise uxwebhu olulodwa ngochongo ngalunye.

**Amanqanaba onikezelo mabhaso ngokujoliswe kuloo mntu ulilungu leqela elo:**

- Ilungu lokuBek'iliso kukhuseleko lezobumelwane basekuhlaleni loNyaka: ilungu apho liye lanesifezekiso esibalaseleyo kukhuseleko lamanye amalungu akwiqela lakhe neepropati ezo zasekuhlaleni.
- Imfezeko egqibeleleyo kwiZiko elo:  apho liye labalasela ngokugqibeleleyo kulawulo lokuBek'iliso kukhuseleko lezobumelwane basekuhlaleni.
- Umququzeleli woNyaka: apho athe waneenzame ekuququzeleleni uluntu ukuba luxhase ukhuseleko.
- Umkhuthazi woNyaka: apho athe wayinkokheli kuBek'iliso kukhuseleko lezobumelwane basekuhlaleni kwaye oye wabonakalisa inkuthazo kuluntu engezobunkokheli kuwo wonke amaqela angobek'iliso apho athi axhase ukhuseleko loluntu nakuluntu ngokubanzi.
- Umchasi wolwaphul'omthetho woNyaka: apho athe wanenkonzo eyodwa ngokubalasela, ongenanjongo zingezezakhe kuphela, onobungcali nokuzimisela ekulweni ulwaphul'omthetho.
- Ubukroti obubonakalayo okanye obusebenzayo: apho kuthi kuhlonitshwe imisebenzi yokuBek'iliso kukhuseleko lezobumelwane basekuhlaleni apho kujoliswe kanye kuluntu olusemngciphekweni kukhuseleko, umzekelo apho lungamaxhoba okusetyenziswa kakubi kweziyobisi nezenzo zobundlobongela zobugulukudu.

**Amanqanaba onikezelo mabhaso ngokujoliswe kumaqela angoBek'iliso kukhuseleko lezobumelwane basekuhlaleni:**

- Ilungu lokuBek'iliso kukhuseleko lezobumelwane basekuhlaleni loNyaka: ilungu apho liye lanesifezekiso esibalaseleyo kukhuseleko lamanye amalungu akwiqela lakhe neepropati ezo zasekuhlaleni ngokuchasene nolwaphul'omthetho nezinye iinkxalabo zokhuseleko.
- Ibhaso elingothintelo lolwaphulo'omthetho ngokwemeko leyo: apho kuthi kuhlonitshwe iinzame ezizodwa ezijoliswe kubume bokusingqongileyo obucocekileyo, obusempilweni nobukhuselekileyo apho uluntu lasekuhlaleni lunganesikhokelo kubomi obunesidima.
- Ibhaso elingoXanduva kwezeNtlalontle: apho kuthi kuhlonitshwe ukuzimisela okubalaseleyo ekulungisweni okanye kungenelelo kumngeni wokungalingani kwintlalo apho kujoliswe kweyona mpilo mingcono nakuluntu olumanyeneyo.
- Ubukroti obubonakalayo/obusebenzayo: apho kuthi kuhlonitshwe imisebenzi yokubek'iliso eluqilima kwaye ejoliswe kolona luntu lusemngciphekweni kukhuseleko.
- Ibhaso loNyaka lalowo unegalelo kucutho lwentlekele:  Eli bhaso lithi lihliniphe iqela lokuBek'iliso kukhuseleko lezoBumelwane basekuhlaleni apho lithe lenza igalelo elibalaseleyo kwiPhulo elingoMnikelo woLawulo lweNtlekele kwiSixeko.

- Ibhaso elilelona lingcono ekusetyenzisweni kweTeknoloji: apho kujoliswe kwinguqulelo yale mihla nokusetyenziswe ngokufanelekileyo kweteknoloji apho komelezwa ezokhuseleko.

**Indlela yokuchonga**

> **Nceda uqaphele:**
>
> Ungachonga kuphela amalungu okanye imibutho engoBek'iliso kukhuseleko lezobumelwane basekuhlaleni apho athe aqinisekiswa likhonkco elingu**Western Cape Government Department of Police Oversight and Community Safety**, okanye apho abathe bangenisa khona izicelo zabo zoqinisekiso. Ukuba awuqinisekanga, nceda uimeyilele ilungu okanye iqela elo (umbutho) kwa ***neighbourhood.watch@westerncape.gov.za***.

Xa ungenisa uchongo lwakho, gcwalisa uxwebhu (ifomu) olufanelekileyo.

Kokufuneka unikezele ngomxholo wobungqina obukhapha isicelo eso sakho. Dibaniso ubungqina obo ukuba **bubekuxwebhu olunye, apho bungumlinganiselo womthamo obuli 10 MB**. Oku kungaquka:

- Iiafidavithi ezityikityiweyo nezibhalwe iintsuku kunye okanye iileta zenkqxaso eziphuma kubantu abathuile kuluntu, imibutho engezenkolo, iinkumanda zezikhululo zeNkonzo yobuPolisa baseMzantsi Afrika (SAPS) okanye inqununu yeso sikolo sasekuhlaleni.
- Iileta zesiqinisekiso eziphuma kubahlali bommandla lowo kunye neziphuma kumalungu eqela lokuBek'iliso kukhuseleko lezobumelwane basekuhlaleni.
- Ileta ephuma kuceba wakho wewadi apho ibalula izifezekiso okanye umsebenzi othe wenziwa liqela elo lokuBek'iliso okanye elo lungu lelo qela lokubek'iliso.
- Amanqaku ashicelelwe kwiphephandaba – apho athi abanefoto lesenze eso siye sabalasela.
- Iziphononongo zamajelo angezonxibelelwano lwale mihla nezimvo: apho kuthi kukontshwe kwaye kuncanyathiselwe okanye kufotwe eskrinini njengoko kunjalo kwezimvo ezincomayo ezivela kuFacebook nakuTwitter. o Ileta ephuma kuMququzeleli wakho weQela lezokuBek'iliso kukhuseleko lezobumelwane basekuhlaleni apho iqinisekisa ubume bakho bobulungu bakalokunje.

**Ngenisa uxwebhu elo lesicelo ngeye23:59 ngoLwesihlanu wama31 kweyeDwarha (Okthobha) 2025. Alusayi kwamkelwa uchongo oluthe lwafumaneka emva komhla wokuvalwa osele ukhankanyiwe.**

**Qhagamshelana nathi**

I-imeyile
***nw.awards@capetown.gov.za***